



# basic education

Department:  
Basic Education  
**REPUBLIC OF SOUTH AFRICA**

**NATIONAL  
SENIOR CERTIFICATE**

**IBANGA 12**

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)**

**IPHEPHA LESITHATHU (P3)**

**NOVEMBA 2021**

**ISIKHOKELO SOKUMAKISHA**

**AMANQAKU: 100**

**Esi sikhokelo sokumakisha sinamaphepha ali-15.**

**IINKCUKACHA EZIYA KUBAMAKISHI**

Ekuhloleni umsebenzi wabaviwa, le miba ilandelayo, eminye yayo icatshulwe kwirubrikhi yokuhlola, mayithathelwe ingqalelo:

- Makubekho ubungqina bokucwangcisa, bokuyila, bokuhlaziya, bokuhlela nobokulungisa iziphene kumsebenzi aza kuwunikezela.
- Makayazi injongo, abantu ajolise kubo nomxholo – kwakunye nerejista, isimbo sokubhala nethoni.
- Ukusetyenziwa kolwimi, upelo neempawu zobhalo.
- Izakhi zolwimi zibandakanya ulwazi olunzulu ngolwimi.
- Ukhetho magama nokusetyenziswa kwezafobe.
- Ukubunjwa kwezivakalisi.
- Ukubhalwa kwemihlathi.
- Ukutolikwa kwesihloko esiza kuvezwa kumxholo ngokupheleleyo: Intshayelelo, ukukhuliswa kwezimvo nesiphelo.

**IINGCEBISO NGENDLELA YOKUMAKISHA****ICANDELO A: ISINCOKO**

Jonga kwiCANDELO A: Irubrikhi yokuhlola isincoko ifumaneka kwiphepha le-12 ukuya kwele-13 lesi sikhokelo sokumakisha.

<b>IMIQATHANGO ESETYENZISELWA UVAVANYO</b>	
<b>IMIQATHANGO</b>	<b>AMANQAKU</b>
UMXHOLO NOCWANGCISO	30
ULWIMI, ISIMBO SOKUBHALA NOKUHLELA	15
ISAKHIWO	5
AMANQAKU EWONKE	50

**ICANDELO B: IMIHLATHI**

Jonga kwiCANDELO B: Irubrikhi yokuhlola imihlathi efumaneka kwiphepha le-14 lesi sikhokelo sokumakisha.

<b>IMIQATHANGO ESETYENZISELWA UVAVANYO</b>	
<b>IMIQATHANGO</b>	<b>AMANQAKU</b>
UMXHOLO, UCWANGCISO NEFOMATHI	15
ULWIMI, ISIMBO SOKUBHALA NOKUHLELA	10
AMANQAKU EWONKE	25

1. Funda umhlathi wonke uze ugqibe ngenqanaba loMXHOLO, UCWANGCISO neFOMATHI.
2. Funda umhlathi kwakhona uze ukhethe inqanaba elichanekileyo loLWIMI, ISIMBO SOKUBHALA nokuHLELA.

**QAPHELA:**

- lifomathi ezahlukeneyo zemihlathi/ezifundisiweyo ziyasetyenziswa. Oku kufuneka kuthatyathelwe ingqalelo xa kuhlolwa ifomathi.
- Nika amanqaku ngefomathi echanekileyo.
- Jonga uthungelwano lwezimvo kuko konke okubhaliweyo.

**QAPHELA:**

- Amanqaku anikwe ngezantsi kwisihloko ngasinye kwesi sikhokelo sokumakisha asetyenziswa kuphela njengesikhokelo kubamakishi.
- Makwamkelwe indlela umviwa ngamnye asitolike ngayo isihloko, nokuba iyohluka kumanqaku anikiweyo, okanye kwiimbono okanye iindlela asitolika ngayo ummakishi.

## ICANDELO A: IZINCOKO

Kulindeleke ukuba umviwa abhale isincoko esiNYE esinomthamo wamagama angama-340-390 ngesiNYE sezihloko ezinikiweyo. Umviwa angabhala naluphi na udidi lwesincoko: esibalisayo, esichazayo, esixoxayo, esivelela amacala amabini, esicamngcayo, okanye naziphi na ezidityanisiweyo kwezi ngesihloko asikhethileyo.

### IIMPAWU ZESINCOKO

#### Isincoko esibalisayo:

- Makasebenzise ixesha eladlulayo/ elidlulileyo/ elimiyo.
- Sibhalwa kumntu wokuqala okanye owesithathu
- Makabonise ulwazi ngesihloko asikhethileyo.
- Abalinganiswa, isimo sentlalo, izizathu zokuhla kwezehlo ukuya kwisiphelo, mazibonakale.
- Iziganeko zichazwe/zibaliswe ngokulandelelana kwazo okanye zicace ezingunobangela wezinye, kungenjalo angasebenzisa izixhobo ezifana nophuphelo okanye ukuqala ngesenzo esingekeli/sokugqibela.
- Sisebenzisa amagama abonisa ixesha afana noo-emva, phambi, ngeli xesha.
- Sisebenzisa intetho yababini/ukuzithethela kwabalinganiswa.
- Ulwimi olusetyenzisiweyo malube lolokudala ifuthe noluchukumisayo kofunda isincoko, lungekrwada phofu.

#### Isincoko esichazayo:

- Sinokubhalwa ngokwexesha elidlulileyo okanye elangoku.
- Sichaza into/umntu/indawo/imeko, njalo njalo.
- Sisebenzisa amagama okudala umfanekiso.
- Sisebenzisa izixhobo zokuchaza ezifana nezichazi, imifanekiso-ntelekelelo, izihlomelo, neziphuhliso ezifana nezifanekisozwi.
- Sisebenzisa imifanekiso-ntelekelelo nezafobe zentetho.
- Sivakalisa iimvakalelo zombhali.

#### Isincoko esicamngcayo:

- Siveza uvakalelo lombhali ngesigama esibonakalisa amava akhe.
- Siveza uchukumiseko ngomba ekubhalwa ngawo.
- Uvakalelo olungundoqo ludlala indima enkulu.
- Ubukhulu becala esi sincoko siyachaza. (Sisebenzisa izixhobo zokuchaza ezifana nezichazi, imifanekiso – ntelekelelo, izihlomelo, neziphuhliso ezifana nezifanekisozwi kwakunye nezafobe zentetho.)
- Uvakalelo lombhali maluveze ukunyaniseka kunye nokubandakanyeka.

**Isincoko esixoxayo:**

- Umviwa uthatha icala ngomba othile.
- Uthotho lweengxoxo – oludla ngokuba kwimo engengcaciso ngeengongoma ezithile.
- Ukubethelela – isishwankathelo nokuphindelela kwinkcazelo engoluvo oluthile lokuvula.
- Kwingxoxo yakhe unika ubungqina obuxhasayo obusenokuba ngamanani okanye ukucaphula kumava anawo ayinyani.
- Usenokuxoxela okuthile echasa enika ubungqina obuxhasayo.
- Isiphelo sisenokuba sisishwankathelo neengcebiso.

**Kwisincoko esivelela amacala omabini:**

- Inkcazelo engomba inokuba ngengxoxo ephambili.
- Umviwa uwaphatha omabini amacala engxoxo.
- Uxoxela okuthile enika ubungqina obuxhasayo.
- Unokulandela isakhiwo esithi umhlathi umela uluvo oluvumayo, kolandelayo, luchase, kungenjalo avume ekuqaleni komhlathi aze achase ekupheleni, kodwa makalunike olwakhe uluvo xa evala.
- Unokuxoxela okuthile echasa/evuma nokunika ubungqina obuyinyani obuxhasayo.
- Isiphelo – isishwankathelo neengcebiso.
- Makabonise ulwazi ngesihloko nangomba axoxa ngawo.

**UMBUZO 1****1.1 Lwaba neziganeko uhambo lwaloo veki.**

Isincoko singabalisa/chaza/camngca/xoxela amacala omabini/xoxela icala elinye.

Isincoko masicwangciswe ngokukuko.

Impendulo isenokuba kwinqanaba lentsingiselo yentsusa/efihlakeleyo/azixube iintsingiselo zeempendulo.

Imo efanelekileyo: intshayelelo, isiqu nesiphelo.

**Umxholo:**

- Ingalibali lohambo lweveki oluneziganeko.
- Ingayinkcaza yohambo lweveki oluneziganeko.
- Ngokwentsingiselo efihlakeleyo ingayimeko ethile ayibona/ayichaza/ayibalisa njengohambo lweveki oluneziganeko.

[Nawuphi na umxholo ohambelana nesihloko uya kwamkelwa.]

**Ulwimi:**

Ulwimi maluhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo.

**[50]**

**1.2 Kowu! Abazali kodwa!**

Isincoko singabalisa/chaza/camngca/xoxela amacala omabini/xoxela icala elinye.

Isincoko masicwangciswe ngokukuko.

Impendulo isenokuba kwinqanaba lentsingiselo yentsusa/efihlakeleyo/azixube iintsingiselo zeempendulo.

Imo efanelekileyo: intshayelelo, isiqu nesiphelo.

**Umxholo:**

- Abazali ababamela kwizinto ezinzima.
- Abazali abazilahlelayo ngabantwana babo.
- Abazali abathi bengabazali baphokele/ bangabingomzekelo.
- Ukonwabisa kwabo/ukunyaniseka ebuzalini nokuba abantwana sebephuma esiporweni.

[Nawuphi na umxholo ohambelana nesihloko uya kwamkelwa.]

**Ulwimi:**

Ulwimi maluhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo.

**[50]****1.3 Le tekhnoloji kwimfundo kutshanje ...**

Isincoko singabalisa/chaza/camngca/xoxela amacala omabini/xoxela icala elinye.

Isincoko masicwangciswe ngokukuko.

Impendulo isenokuba kwinqanaba lentsingiselo yentsusa/efihlakeleyo/azixube iintsingiselo zeempendulo.

Imo efanelekileyo: intshayelelo, isiqu nesiphelo.

**Umxholo:**

- Ukutshintsha kwetekhnoloji kwezemfundo.
- Iindidi zezixhobo zetekhnoloji ezikhoyo kwimfundo.
- Imisebenzi/uncedo/iingxaki eziza netekhnoloji kwimfundo.

[Nawuphi na umxholo ohambelana nesihloko uya kwamkelwa.]

**Ulwimi:**

Ulwimi maluhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo.

**[50]**

#### 1.4 Izandla ziyahlambana.

Isincoko singabalisa/chaza/camngca/xoxela amacala omabini/xoxela icala elinye.

Isincoko masicwangciswe ngokukuko.

Impendulo isenokuba kwinqanaba lentsingiselo yentsusa/efihlakeleyo/azixube iintsingiselo zeempendulo.

Imo efanelekileyo: intshayelelo, isiqu nesiphelo.

##### **Umxholo:**

- Ingalibali lemini enye/leemini eziliqela/isiganeko/iziganeko/imeko yabantu abancedanayo.
- Mawucace umahluko phakathi kwesaci esithi izandla ziyahlambana nesaci esithi isandla sihlamba esinye.
- Isincoko masithathe umxholo wokuncedana njengoko isaci sikwimo yesixando sokwenzana.

[Nawuphi na umxholo ohambelana nesihloko uya kwamkelwa]

##### **Ulwimi:**

Ulwimi maluhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo.

[50]

#### 1.5 Uthethathethwano lungenza lukhulu.

Isincoko singabalisa/chaza/camngca/xoxela amacala omabini/xoxela icala elinye.

Isincoko masicwangciswe ngokukuko.

Impendulo isenokuba kwinqanaba lentsingiselo yentsusa/efihlakeleyo/azixube iintsingiselo zeempendulo.

Imo efanelekileyo: intshayelelo, isiqu nesiphelo.

##### **Umxholo:**

- Ifuthe/iziphumo/iziqhamo zothethathethwano emakhaya/emisebenzini/ezinkonzweni/ekuhlaleni.
- Uluvo neengcebiso ngothethathethwano.

[Nawuphi na umxholo ohambelana nesihloko uya kwamkelwa.]

##### **Ulwimi:**

Ulwimi maluhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo.

[50]

## 1.6 Isibonelelo sikarhulumente siluncedo kodwa ...

Isincoko singabalisa/chaza/camngca/xoxela amacala omabini/xoxela icala elinye.

Isincoko masicwangciswe ngokukuko.

Impendulo isenokuba kwinqanaba lentsingiselo yentsusa/efihlakeleyo/azixube iintsingiselo zeempendulo.

Imo efanelekileyo: intshayelelo, isiqu nesiphelo.

### Umxholo:

- Ingalibali lemini enye/leemini eziliqela/isiganeko/iziganeko/imeko engokusetyenziswa kwesibonelelo kakubi/kakuhle.
- Ukungazinzi kwamakhaya ngenxa yesibonelelo.
- Iindlela esisetyenziswa ngayo isibonelelo ngabasifumanayo.
- Imingeni ejamelene nabo sililungelo kubo.
- Uluvo/iingcebiso ngokuphuculwa kwesibonelelo.

[Nawuphi na umxholo ohambelana nesihloko uya kwamkelwa.]

### Ulwimi:

Ulwimi maluhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo.

[50]

## 1.7

### 1.7.1

Umviwa makanike isihloko esifanelekileyo.

Isincoko singabalisa/chaza/camngca/xoxela amacala omabini/xoxela icala elinye.

Isincoko masicwangciswe ngokukuko.

Impendulo isenokuba kwinqanaba lentsingiselo yentsusa/efihlakeleyo/azixube iintsingiselo zeempendulo.

Imo efanelekileyo: intshayelelo, isiqu nesiphelo.

### Umxholo:

- Ingalibali lemini enye/isiganeko/imeko elingomdlalo/umdlali wombhoxo.
- Ingaliballi elingenkxaso yosapho/impumelelo/umanyano oluziswa zezemidlalo.
- Ulonwabo oluziswa zezemidlalo/oluziswa yimpumelelo/igalelo lezemidlalo kubomi babantu/igalelo lezemidlalo kwikamva lolutsha.
- Imitshato engenamida yobuhlanga/ubuhlanga.

[Nawuphi na umxholo ohambelana nesihloko uya kwamkelwa.]

### Ulwimi:

Ulwimi maluhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo.

[50]



- 1.7.2 Umviwa makanike isihloko esifanelekileyo.  
Isincoko singabalisa/chaza/camngca/xoxela amacala omabini/  
xoxela icala elinye.  
Isincoko masicwangciswe ngokukuko.  
Impendulo isenokuba kwinqanaba lentsingiselo yentsusa/  
efihlakeleyo/azixube iintsingiselo zeempendulo.  
Imo efanelekileyo: intshayelelo, isiqu nesiphelo.

**Umxholo:**

- Ingalibali lemini enye/isiganeko esingentliziyo nemeko eba phantsi kwazo.
- Uthando nokuba kunzima/intliziyo ibuthathaka injalo kodwa iyakwazi ukumelana neemeko ezibuhlungu.
- Amahlandinyuka obomi/phakathi kobunzima kusekho uthando.

[Nawuphi na umxholo ohambelana nesihloko uya kwamkelwa.]

**Ulwimi:**

Ulwimi maluhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo.

**[50]****AMANQAKU ECANDELO A: 50**

**ICANDELO B: IMIHLATHI****UMBUZO 2**

Kulindeleke ukuba umviwa abhale imihlathi emiBINI kule ibuziweyo. Ubude bempendulo nganye mabube li-100-120 lamagama, umxholo kuphela. Ulwimi, irejista, isimbo sokubhala nethoni mayifanelane nenjongo yobhalo.

**2.1 ILETA YOBUHLOBO****Ifomathi, ucwangciso nomxholo [15]**

- Idilesi inye yeyomntu obhala ileta.
- Igama lesitalato, ilokishi nedolophu zibhalwa ngokupheleleyo. (azisetyenziswa izifinyezl).
- Isibuliso – makabizwe ngokokwaziwa kwakhe umntu obhalelwayo.
- Isakhiwo siquka intshayelelo, isiqu nesiphelo.
- Ileta imalunga nesenzo sobuqhawe sikamakhulu/sikatatomkhulu.
- Umhlathi wokuqala mawunike intsusa nezizathu zokubhala.
- Umhlathi olandelayo ukhulisa umxholo.
- Umhlathi wesithathu ungangena kwiindaba gabalala ezimalunga nobudlelwane obuphakathi kombhali nalowo ubhalelwayo.
- Isiphelo ngokufutshane sishwankathela intsusa nesizathu sembalelwano:
- Kwisiphelo kubhalwa igama kuphela.
- Izingxi azisetyenziswa kwidilesi, isibuliso nesiphelo.

**Ulwimi isimbo sokubhala nokuhlela:[10]**

- Kufuneka ulwimi olungekho sesikweni ukuya kolusesikweni/Olukhuthazayo/oluvuyisanayo nolubonisa imvakalelo.
- Izimelabizo ezibonisa ubuhlobo zingasetyenziswa.
- Ixesha malihambelene nodidi lwesincoko nomhlathi.
- Izikhuzo noburharha zingasetyenziswa.

**[25]****2.2 ILETA YASEBURHULUMENTENI****Ifomathi, ucwangciso nomxholo [15]**

- Idilesi zimbini.
- Eyombhali ibhalwa ngokupheleleyo kwikona engasekunene.
- Umhla ubhalwa ngqo phantsi kwedilesi yombhali, ze emva koko kushiye umgca.
- Idilesi yombhalelwa ibhalwa ithi nca kumgca ohlayo ngasekhohlo.
- Isebe elo libhalelwayo malikhankanywe.
- Emva koko makubhalwe idilesi ephelileyo ze kushiye umgca.
- Isibuliso masihambelane nomxholo weleta.
- Umcimbi ukrwelelwa umgca ngaphantsi xa ubhalwe ngoonobumba abancinci, uze ushiye umgca.
- Ileta mayibe yeyokuhlomla ngamaphulo kaRhulumente okuwonga ootitshala nabafundi.
- Isiphelo sibeseleta esesikweni size silandelwe yifani noonobumba-magama ombhali.

**Ulwimi/isimbo sokubhala nokuhlela [10]**

- Ithoni nerejista isesikweni.
- Ulwimi malube lolusesikweni, luvakale, lusulungeke.
- Ubhalo maluvakale, luyondelelane, lucace lube semxholweni.

**[25]****2.3 INQAKU LEPHEPHANDABA****Ifomathi, ucwangciso nomxholo [15]**

- Isihloko masazise umcimbi, siphawulwe ngeempawu zocaphulo, sibhalwe bukekela/sikrwelelwe umgca ngaphantsi.
- Igama lombhali malibhalwe, livele ixesha, indawo nesiganeko.
- Umhlathi wokuqala mawuphuhlise oko kukwisihloko.
- Umhlathi wesibini neminye elandelayo isixelela ngonobangela wesiganeko/intsusa yesehlo eso kubhalwa ngaso.
- Imihlathi ingalandelelaniswa ngokomtsalane/ngokudlwengula umxhelo.
- Iinkcukacha ezingabalulekanga kuyaphi zibhalwe ekugqibeleni.
- Inqaku malibe ngesiganeko senkosazana/inkosana sokuphumelela indebe yobuhle kaZwelonke.

**Ulwimi/isimbo sokubhala nokuhlela [10]**

- Ingxelontetho ingasetyenziswa apho kuyimfuneko.
- Ixesha elisetyenziswayo lelangoku ngaphandle kwaxa kukhunjuzwa ngokwadlulayo/okudlulileyo okanye kubhekiswa kokuseza kuhla.

**[25]****2.4 I-OBHITSHUWARI****Ifomathi, ucwangciso nomxholo: [15]**

- Umviwa kufuneka enze amagqabantshintshi obomi bomntu ongasekhoyo oliqhawe lakhe.
- Ibhalwa ngohlobo lomhlathi.
- Umhlathi wokuqala unika iinkcukacha malunga: negama, umhla wokuzalwa nowokusweleka kwakhe, indawo azalelwe kuyo, imfuno yakhe.
- Umhlathi olandelayo: uhlomla ngegalelo lakhe, iimpembelelo zakhe, ezixhaswa ngebalana elibubungqina besiphiwo/ iziphiwo zakhe ekuhlaleni/emsebenzini/kwimibutho abezibandakanye nayo.
- Umhlathi wesithathu/ wokugqibela udlulisa amazwi ovelwano kwikhaya/kusapho lomfi.
- I-obhitshuwari mayibe yeyeqhawe lakho.

**Ulwimi isimbo sokubhala nokuhlela: [10]**

- Luhambelane nodidi lomhlathi.
- Kusetyenziswa ulwimi oluchukumisayo/olunondileko/oluhloniphayo noluncomayo.
- Ucaphulo kwiintetho zikamfi kungawunonga lo mhlathi.
- Ithoni yesesikweni.

**[25]**

## 2.5 **INGXELO ESESIKWENI**

### **Ifomathi, ucwangciso nomxholo [15]**

- Kwingxelo makuvele umhla, usuku nendawo ebiqhutyelwa kuyo inkomfa.
- Mayinike iinkcukacha ezichanekileyo ngesiganeko.
- Ingxelo mayibe ngokulondolozwa kwendalo.
- Mayinike isihloko, intshayelelo, isiqu, isiphelo, izindululo, izalathisi, izihlomelo.
- Mayicwangciswe, izeze zonke iingcombolo zolwazi, kubhalwe ngeengongoma.
- Makubhalwe igama lombhali, umhla aze ayisayine.

### **Ulwimi/isimbo sokubhala nokuhlela [10]**

- Makusetyenziswe ulwimi olusesikweni ukuya kolungekho sesikweni.
- Kungasetyenziswa ixesha langoku, izibizo gabalala, ibhalwe kumntu wesithathu, ingcaciso egqibeleleyo, amagama namabinzana abhekiswe kwimeko ethile.

[25]

## 2.6 **UDLIWANONDLIBE**

### **Ifomathi, ucwangciso nomxholo [15]**

- Udliwanondlebe malube malunga nesithuba somsebenzi wokwamkela nokunxibelelana nabakhweli kwinqwelomoya.
- Malube phakathi komqeshi kunye noVusi malunga nesithuba somsebenzi wokwamkela nokunxibelelana nabakhweli kwinqwelomoya.
- Ifomathi mayibe ngumbuzo olandelwa yimpendulo.
- Izithethi mazinikwe amagama kushiye umgca phakathi kwezithethi.
- Amagama ezithethi abhalwa kwicala elisekhohlo ephepheni kubekwe ikholoni ze kulandele intetho yesithethi.
- Kwintshayelelo unika imvelaphi yombuzi nombuzwa.
- Kwisiqu obuzayo ubuza imibuzo esemxholweni emalunga nesithuba somsebenzi.
- Iimpendulo mazicacise ngokwaneleyo zinike izimvo neengongoma ezifanelekileyo.
- Umntu obuzwayo uphendula imibuzo aze anike ulwazi olulindelekileyo.
- Kuvumelekile ukusebenzisa umntu wokuqala umz 'Ndi'.

### **Ulwimi/isimbo sokubhala nokuhlela[10]**

- Ithoni nerejista isesikweni.
- Ulwimi, isimbo sokubhala nesigama malube lolusesikweni lusulungeke.

[25]

**AMANQAKU ECANDELO B: 50**  
**AMANQAKU EWONKE: 100**

**ICANDELO A: IZINCOKO – AMANQAKU**

- Sebenzisa le rubrikhi rhoqo xa umakisha izincoko (Zephepha lesi-3, Icandelo A)
- Amanqaku ukusukela kweli-0 ukuya kwangama-50 ahlula-hlulwe ngokwamanqanaba amahlanu.
- Imigangatho yomxholo, ulwimi nesimbo, inqanaba ngalinye kula mahlanu lahlula-hlulwe kubini, kwakho amanqaku abelwe abo banezincoko ezikwinqwanqwa eliphakamileyo nezo zikwinqwanqwa elingezantsi kwinqanaba ngalinye.
- Isakhiwo asichatshazelwa kukwahlulwa ngokwinqwanqwa eliphezulu nelisezantsi.

Imiqathango		Egqwesileyo	Esemagqabini neqaqambileyo	Eyanelisayo nefanelekileyo	Eyinxalenye	Engaphumelelanga
<b>UMXHOLO NOCWANGCISO</b>  <b>(Impendulo nezimvo)</b> Uyondelelwaniso lwezimvo ngokucwangcisa Ukuqonda injongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nesimo sentlalo  <b>30 AMANQAKU</b>	<b>Inqwangwa eliphakamileyo</b>	<b>28–30</b>	<b>22–24</b>	<b>16–18</b>	<b>10–12</b>	<b>4–6</b>
		-Impendulo igqwesile/ inomtsalane, ngaphezu koko bekulindelekile. -Lzimvo eziqiqisiseyo, ezixhokonxa iingcinga nezivuthiweyo. -Impendulo elungelelaniswe kakuhle ngokugqwesileyo nothungelwano (enonamathelwano) ukuquka intshayelelo, isiqu, ukuqukumbela/nesiphelo.	-Impendulo ixongxe ngobugcisa. -Lzimvo ziyahambelana gingci nomxholo kwaye zinomdla zinobungqina bokuvuthwa. -Ilungelelaniswe kakuhle iyathungelana (inonamathelwano) kuquka intshayelelo, isiqu ukuqukumbela/nesiphelo.	-Impendulo iyanelisa. -Lzimvo ziyathungelana noko ziyaqinisekisa ngokusemholweni. -Ilungelelaniswe noko kwaye iyathungelana kuquka intshayelelo, isiqu ukuqukumbela/nesiphelo.	-Impendulo ayinaluthungelwano Lungqinelanayo. -Lzimvo azicacanga kwaye ayizizo ezomfundi. -Buncinci ubungqina bolungelelwaniso nothungelwano lweengcamango.	-Impendulo ayihambelani nomxholo kwaphela. -Lzimvo ziyabhidisa kwaye azingqamananga kwaphela nomxholo. -Azicacanga kwaye ziphindaphindiwe. -Azilungelelaniswanga kwaye azithungelani.
	<b>Inqwangwa elingezantsi</b>	<b>25–27</b>	<b>19–21</b>	<b>13–15</b>	<b>7–9</b>	<b>0–3</b>
		-Impendulo egqwesileyo kodwa ineendawana esilela kuzo ukuba neempawu ezinomtsalane ogqwesileyo wesincoko esinkqenqweza phambili. -Lzimvo ezivuthiweyo neziqiqisiseyo. -Lzimvo zilungelelaniswe ngobugcisa. zinothungelwano (zinonamathelwano) kuquka intshayelelo, isiqu kunye nesiphelo.	-Impendulo ixongxe kakuhle. -Lzimvo ziyahambelana zinomdla. -Ilungelelaniswe kakuhle iyathungelana (inonamathelwano) kuquka intshayelelo, isiqu nesiphelo.	-Impendulo eyanelisayo nangona kumana kubakho izikhewu kwincaciso. -Lzimvo ziyanamathelana ngokwanelisayo kwaye ziyaqinisekisa. -Kukho ulungelelwaniso olufumanekayo nothungelwano kwintshayelelo, isiqu nesiphelo.	-Ubukhulu becala impendulo ayihambelani nomxholo. -Lzimvo zibonakalisa ukungahlangani nokubhidisa. -Phantse bungabikho ubungqina bolungelelwaniso nothungelwano.	-Akukho linge lokuphendula isihloko. -Ayihambelani kwaphela nomxholo kwaye ayifanelekanga. -Ayingqamananga nomxholo kwaphela kwaye inobubhutyu-bhutyu.

## NSC – Isikhokelo sokumakisha

		<b>14–15</b>	<b>11–12</b>	<b>8–9</b>	<b>5–6</b>	<b>0–3</b>
<b>ULWIMI, ISIMBO SOKUBHALA NOKUHLELA</b> Ithoni, irejista, isimbo sokubhala nesigama esifanelene nenjongo/nesimo sentlalo. Uchongo magama, ukusetyenziswa kolwimi nemigaqo, limpawu zokubhala, igrama, nopelo.  <b>15 AMANQAKU</b>	<b>Inqwanqwa eliphakamileyo</b>	-Ithoni, irejista, isimbo sokubhala, isigama zifaneleke kakhulu kwinjongo, abantu ekujoliswe kubo nakwisimo sentlalo. -Ulwimi lusetyenziswe ngokuzithemba, luyachukumisa ngokugqwesileyo. -Ithoni edlwengula umxhelo nenobuciko. -Phantse kungabikho nasinye isiphene segrama nopelo. -Sixongxwe ngobugcisa obukhulu.	-Ithoni, irejista, isimbo sokubhala kunye nesigama ziqaqambe kakhulu kwinjongo, abantu ekujoliswe kubo nesimo sentlalo. -Ulwimi luchanekile kwaye ithoni isetyenzisiwe ngokufanelekileyo nangokuzinzileyo kwisincoko siphela. -Ubukhulu becala akukho ziphene kwigrama nopelo. -Sixongxwe kakuhle kakhulu.	-Ithoni, irejista, isimbo sokubhala nesigama zifanelekile kwinjongo, abantu ekujoliswe kubo nesimo sentlalo. -Ulwimi lusetyenziswe ngokufanelekileyo ukudlulisa umyalezo. -Ithoni ifanelekile. -Izixhobo zolwimi zisetyenzisiwe ukuphuhlisa nokuphucula umxholo.	-Ithoni, irejista, isimbo sokubhala nesigama azihambelani nenjongo, abantu ekujoliswe kubo nesimo sentlalo. -Ulwimi lusetyenziswa ngendlela ebuthathaka. -Ithoni nochongo magama azifanelekanga. -Isigama siqongophele kakhulu.	-Ulwimi alunantsingiselo. -Ithoni, irejista, isimbo sokubhala nesigama azihambelani mpela nenjongo, abantu ekujoliswe kubo nesimo sentlalo. -Ukusetyenziswa kwesigama kunqongophele ngokubaxekileyo de ungakwazi ukuqonda okubhaliweyo.
	<b>Inqwanqwa elingezantsi</b>	<b>13</b>	<b>10</b>	<b>7</b>	<b>4</b>	
		-Ulwimi lugqwesile kwaye kusetyenziswe izixhobo zolwimi ezibonakalisa ubuciko ngokufanelekileyo. -Phantse kungabikho nasinye isiphene segrama nopelo. -Sixongxwe ngobugcisa.	-Ulwimi luyakuthimba kwaye ubukhulu becala luchanekile. -Ithoni iqaqambile kwaye ichanekile. -Zimbalwa iziphene zegrama nopelo. -Sixongxwe kakuhle.	-Ukusetyenziswa kolwimi ngokwanelisayo kodwa kusekho ukungangqinelani apha naphaya. -Ubukhulu becala ithoni ifanelekile kodwa usetyenziso zixhobo zolwimi lungqongophele.	-Ukusetyenziswa kolwimi ngokungafanelekanga. -Kuncinci okanye akukho ukohluka – hlukana kwezivakalisi. -Isigama siqongophele ngokugqithisileyo.	
<b>ISAKHIWO</b> limpawu zodidi lwesincoko, ukuphuhliswa kwemihlathi nokubunjwa kwezivakalisi.  <b>5 AMANQAKU</b>		<b>5</b>	<b>4</b>	<b>3</b>	<b>2</b>	<b>0–1</b>
		-Isihloko sikhuliswe ngokugqwesileyo. -linkcukacha ezigqwesileyo. -Izivakalisi, imihlathi zakhiwe ngokugqwesileyo.	-linkcukacha zakhiwe ngokulandelelana nangokuqiqisiseyo. -Ziyathungelana. -Ukwakhiwa kwezivakalisi nemihlathi kuyahambelana, kwahluka-hlukene.	-Ukuphuhliswa kweenkcukacha ngokusemholweni. -Izivakalisi, imihlathi zakhiwe kakuhle. -Isincoko sisesemholweni.	-Kukho amanqaku asemxholweni. -Izivakalisi nemihlathi zineemposiso. -Isincoko sisesemholweni nangona zisekhona iziphene.	-Amanqaku asemxholweni awakho. -Ulwakhiwo lwezivakalisi nemihlathi lunobubhutyu-bhutyu. -Isincoko siphume kwaphela emxholweni.

**ISIHLOMELELO B: IRUBRIKHI YOKUHLOLA IMIHLATHI ULWIMI LWASEKHAYA [25 AMANQAKU]**

<b>Imiqathango</b>	<b>Egqwesileyo</b>	<b>Esemagqabini neqaqambileyo</b>	<b>Eyanelisayo nefanelekileyo</b>	<b>Eyinxalenye</b>	<b>Engaphumelelanga</b>
<b>UMXHOLO, UCWANGCISO NEFOMATHI</b>  -Impendulo nezimvo. -Ulungelelwaniso lwezimvo. nokucwangcisa -Injongo, abantu ekujoliswe kubo, iimpawu/imigaqo nesimo sentlalo.	<b>13–15</b>	<b>10–12</b>	<b>7–9</b>	<b>4–6</b>	<b>0–3</b>
	-Impendulo igqwesile ngaphezu koko bekulindelekile. -Izimvo eziqiqisiseyo nezivuthiweyo. -Ulwazi olunzulu ngeempawu zohlobo lomhlathi obhaliweyo. -Ubhalo lusemholweni ncakasana. -Ukuthungelana komxholo nezimvo. -Icaciswe nzulu kwaye zonke iinkcukacha ziyasixhasa isihloko. -Ifomathi yamkelekile kwaye ichanekile.	-Impendulo esemagqabini ebonisa ulwazi olululo ngeempawu zodidi lomhlathi. -Ubhalo lusemholweni. -Ukuthungelana komxholo nezimvo, kucaciswe kakuhle kakhulu kwaye neenkukacha zixhasa isihloko. -Ifomathi efanelekileyo eneziphene ezingephi.	-Impendulo eyanelisayo ebonisa ulwazi ngeempawu zodidi lomhlathi. -Ayikho mxholweni Ngokupheleleyo. -Kukho ukuphambuka okungephi emxholweni. -Ubukhulu becala uyathungelana umxholo nezimvo. -Ezinye iinkcukacha ziyasixhasa isihloko. -Ubukhulu becala ifomathi ifanelekile kodwa kukho iziphene ezingephi.	-Kubonakala ubunzima malunga nolwazi lweempawu zolu didi lwetekisi. -Kukho ukungqamana okungephi okusemholweni kodwa kukho ukuphambuka kubhalo. -Akusoloko kukho uthungelwano phakathi komxholo nezimvo. -Zimbalwa iinkcukacha ezixhasa isihloko. -Imigaqo eyimfuneko yefomathi isetyenziswe ngokungacacanga. -Imigaqo engundoqo yefomathi yetekisi ityeshelwe.	-Impendulo ibonakalisa ukunqongophala kolwazi ngeempawu zodidi lomhlathi. -Intsingiselo ilahlekile kwaye akakho mxholweni kwaphela. -Ayithungelani kumxholo nezimvo. -Zimbalwa kakhulu iinkcukacha ezixhasa isihloko. -Ayisetyenziswanga imigaqo eyimfuneko yefomathi.
<b>15 AMANQAKU</b>					
<b>ULWIMI, ISIMBO SOKUBHALA NOKUHLA</b> Ithoni, irejista, isimbo sokubhala, injongo/ imeko, abantu ekujoliswe kubo nesimo sentlalo. Ukusetyenziswa kolwimi nemigaqo yalo. Uchongo magama. Iimpawu zokubhala nopelo.	<b>9–10</b>	<b>7–8</b>	<b>5–6</b>	<b>3–4</b>	<b>0–2</b>
	-Ithoni, irejista, isimbo sokubhala, isigama zifaneleke ngokukodwa kwinjongo, abantu ekujoliswe kubo nakwisimo sentlalo. -Ulwimi lusetyenziswe ngokuchanekileyo kwaye lwakhiwe ngokukoko. -Phantse kungabikho nasinye isiphene segramu nopelo.	-Ithoni, irejista, isimbo sokubhala, isigama zifaneleke kakhulu kwinjongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nakwisimo sentlalo. -Ubukhulu becala ulwimi lusetyenziswe ngokukoko nangokuchanekileyo -Isigama sichaneke kakuhle. -Ubukhulu becala akukho ziphene.	-Ithoni, irejista, isimbo sokubhala, isigama zifanelekile kwinjongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nesimo sentlalo. -Kukho iziphene ezimbalwa zolwimi. -kukho isigama esaneleyo. -Iziphene aziyichaphazeli intsingiselo.	-Ithoni, irejista, isimbo sokubhala, isigama asifanelekanga ngokupheleleyo kwinjongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nesimo sentlalo. -Ukusetyenziswa kolwimi ngokungachanekanga kubangela iziphene ezibaxekileyo. -Intsingiselo ilahlekile.	-Ithoni, irejista, isimbo sokubhala, isigama asihambelani nenjongo, abantu ekujoliswe kubo nesimo sentlalo. -Izele ziziphene yaye iyabhidisa. -Isigama asihambelani nenjongo. -Intsingiselo ichaphazeleke ngokukodwa.
<b>10 AMANQAKU</b>					